## IPhepha lokuVunywa koXwebhu

### UMnini Xwebhu:

| IGAMA | ISIKHUNDLA | USAYINO | UMHLA |
|---|---|---|---|
| Tembisa Marele | INtloko yeSebe: Unxibelelwano | | |

### UXwebhu luXetyiswe Ngu:

| IKOMITI | Usihlalo | USAYINO | UMHLA |
|---|---|---|---|
| IKomiti yoLawulo lweSicwangciso | Usihlalo | | |

### UkuVunywa koXwebhu:

| IKOMITI | Usihlalo | USAYINO | UMHLA |
|---|---|---|---|
| IKomiti yesigqeba | UMkomishinala | | |

### ULawulo lweNguqulelo kunye neSishwankathelo soTshintsho:

| INOMBOLO | INKCAZO YOTSHINTSHO |
|---|---|
| 1. | Lo ngumgaqonkqubo wokuqala owenziwayo ukuze ifane indlela yemigaqonkqubo ye-FSCA. |
| 2. | Ukongezwa kweenkcazelo ezithile, amaxwebhu abophelelayo. |

### IThuba loHlolo eliNyanzelekileyo:

| |
|---|
| Uza kuhlolwa qho kwiminyaka emibini. |

## IZIQULATHO


1. IINKCAZELO ..... 5
2. INTSHAYELELO ..... 6
3. INJONGO ..... 6
4. AMAXWEBHU ABOPHELELAYO ..... 6
5. UMDA NOKUSETYENZISWA ..... 7
6. UMXHOLO WOLAWULO WALO MGAQONKQUBO ..... 7
7. IMITHETHOSISEKO ..... 8
8. UHLOBO LOMSEBENZI WE-FSCA ..... 8
9. IILWIMI EZISEMTHETHWENI ZE-FSCA ..... 9
10. UKUSEKWA KUNYE NOLWAKHEKO LOKUNIKWA KWEENKONZO ZEELWIMI ZE-FSCA ..... 12
11. UQEQESHO NABASEBENZI ..... 12
12. UPAPASHO KUNYE NOFIKELELO KULO MGAQONKQUBO ..... 12
13. INDLELA YEZIKHALAZO ..... 13
14. INKQUBO YEZIBHENO ..... 13
15. UKUQWALASELA KWAKHONA KOMGAQO-NKQUBO ..... 13
16. UKUVUNYWA ..... 14

## 1. IINKCAZELO

Kulo Mgaqonkqubo, ngaphandle kokuba umxholo ukhombisa ngenye indlela:

1.1 **"UMbhalo wamaQhuqhuva"** uthetha uhlobo lolwimi olubhaliweyo lwabantu abangaboniyo, apho iikharektha zimelwa ziipateni zamachokoza aphakamileyo aviwa ngeentupha zeminwe;

1.2 **"UMkomishinala"** uthetha uMkomishinala we-FSCA;

1.3 "**UMgaqo-siseko**" uthetha uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996;"

1.4 "**U-EXCO**" uthetha iKomiti yeSigqeba ye-FSCA;

1.5 "**U-FSCA**" UFinancial Sector Conduct Authority (uGunyaziwe oQhuba iCandelo lezeMali), iziko elisemthethweni elisekwe ngokwecandelo lama-56 lomThetho woLawulo lweCandelo leMali, ka-2017 (UmThetho we-9 ka-2017);

1.6 "**Utoliko**", ngokunxulumene nokuthethwa ngomlomo, luthetha ukusa into ethethwayo kwinto ethethwa kolunye ulwimi kwaye, ngokunxulumene nento ethethwayo esayiniweyo, kuthetha ukususa kulwimi lwezandla usisa kulwimi oluthethwayo kunye nangokuphedulululekileyo, "**ngokutolika**" kunentsingiselo engqinelanayo;

1.7 "**ULwimi oluKhethwayo**" luthetha ulwimi olukhethwayo lokugcinwa kweerekhodi okanye lokugcina okanye iirekhodi ze-FSCA;

1.8 "**UMphathiswa**" uthetha uMphathiswa wezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko;

1.9 "**Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi**" kuthetha ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu okanye ngaphezulu ngumntu eyedwa okanye liqela labantu;

1.10 **"UPanSALB"** uthetha iPan South African Language Board (IBhodi yeeLwimi yaseMzantsi Afrika);

1.11 "**UMgaqonkqubo**" uthetha lo Mgaqonkqubo weeLwimi;

1.12 "**IRiphabliki**" ithetha iRiphabliki yaseMzantsi Afrika;

1.13 "**USASL**" uthetha iSouth African Sign Language (ULwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika);

1.14 **"INgcali yeeLwimi ePhezulu"** ithetha umsebenzi we-FSCA owongamele icandelo leelwimi lecandelo lezoNxibelelwano neeNkonzo zeeLwimi;

1.15 "**UmThetho**" uthetha umThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, 2012 (umThetho we-12 ka-2012);

1.16 "**Uguqulo**" luthetha ukususa umbhalo kolunye ulwimi uwusa kolunye ulwimi, “**uguqula**” enentsingiselo engqinelanayo;

## 2. INTSHAYELELO

2.1. UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika unakana iilwimi ezilishumi elinambini (12) ezisemthethweni, isiNgesi, iAfrikansi, Tshivenḓa, Xitsonga, Sepedi, Setswana, Sesotho, isiZulu, isiXhosa, isiNdebele neSiswati kunye noLwimi lokuThetha ngezaNdla laseMzantsi (Afrika South African Sign Language) (SASL); uqonda ukusetyenziswa kunye nesimo esiphelayo seelwimi zemveli kwaye ufuna ukuba uRhulumente athathe amanyathelo asebenzisekayo namahle okunyusa isimo kunye nokusiwa phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli. UMgaqo-siseko ufuna ngokungaphaya ukuba zonke iilwimi ezisemthethweni zonwabele ukulingana kwaye ziphathwe ngokulinganayo.

2.2. Ukuza kuthi ga ngoku, umThetho weeLwimi uwiselwe ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni xa kunxityelelwana namalungiu oluntu, ubonelele ngolawulo nobeka iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezisemthethweni ngurhulumente wesizwe ngeenjongo zikarhulumente, ukufuna kunye nokwamkela umgaqonkqubo weelwimi lisebe lesizwe, iziko likarhulumente lesizwe kunye namashishini karhulumente esizwe kunye nokusekwa kweyunithi yeelwimi yesebe lesizwe, amaziko karhulumente esizwe kunye namashishini karhulumente esizwe.

2.3. Lo mThetho usebenza kuwo onke amaziko karhulumente esizwe. I-FSCA liziko likarhulumente lesizwe, elixeliweyo kumThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999. (UmThetho woku-1 ka-1999) (PFMA). UMgaqonkqubo uphuhliswe yi-FSCA ithobela amagatya omThetho.

## 3. INJONGO

Injongo yalo Mgaqonkqubo kukuchaza indlela i-FSCA eza kuwuthobela ngayo umThetho, kunye nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni ukuphucula iinkonzo eziya kumalungu oluntu ngokubanzi kunye namaziko alawulwayo, kunye nokuphucula amanqanaba okuthobela.

## 4. AMAXWEBHU ABOPHELELAYO

4.1. UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 (UMgaqo-siseko);
4.2. UmThetho woLawulo lweCandelo lezeMali we-9 ka-2017 (UmThetho we-FSR) umThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, 2012 (UmThetho we-12 ka-2012 (UmThetho);
4.3. IMimiselo yokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, 2013 (IMimiselo)
4.4. UmThetho weBhunga labaSebenzi ngeeLwimi laseMzantsi Afrika, ka-2014)
4.5. UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi (wesi-2 ka-2000).

4.6. UmThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (umThetho woku-1 ka-1999) (PFMA)

## 5. UMDA NOKUSETYENZISWA

UMgaqonkqubo usebenza kubo bonke abasebenzi be-FSCA, kuquka abeekontraki, kunye naye nabani na owenza umsebenzi egameni le-FSCA.

## 6. UMXHOLO WOLAWULO WALO MGAQONKQUBO

Lo Mgaqonkqubo umiselwe licandelo lesi-4 lomThetho njengokulandelayo:

6.1. Icandelo 4(1) libonelela ngokuba isebe ngalinye lesizwe, iziko likarhulumente lesizwe kunye neshishini likarhulumente lesizwe lamkele umgaqonkqubo weelwimi ngokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni;

6.2. Icandelo 4(2) libonelela ngokuba umgaqonkqubo owamkelwa ngokwecandelwana (1) kufuneka:

6.2.1. uchonge ubuncinane iilwimi ezisemthethweni ezintathu ezo isebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe liza kuzisebenzisela iinjongo zikarhulumente;

6.2.2. umisele ukuba ziza kusetyenziswa njani iilwimi ezisemthethweni kunxibelelwano loluntu olunempumelelo, izaziso ezisemthethweni, iincwadi zikarhulumente kunye nonxibelelwano oluphakathi kukarhulumente kunye noloorhumente;

6.2.3. uchaze ukuba isebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe liza kunxibelelana ngempumelelo namalungu oluntu olo ulwimi lwawo alukhethayo ingelulo olunye lolwimi lwalo alukhethayo olusemthethweni,

6.2.4. uchaze ukuba amalungu oluntu aza kufikelela njani kumgaqo-nkqubo wolwimi;

6.2.5. ubonelele ngendlela yezikhalazo ukwenza ukuba amalungu oluntu afake izikhalazo ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezisethethweni lisebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe; kwaye

6.2.6. upapashwe kwiGazethi msinyane nje ukuba kube nokwenzeka, kodwa kwiintsuku ezingama-90 zokwamkelwa kwawo.

## 7. IMITHETHOSISEKO

Imithethosiseko exhasa lo Mgaqonkqubo yelandelayo:

7.1. Ukuthatha amanyathelo okonyusa isimo kunye nokuya phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli.

7.2. Ukuzibophelela ekuphakamiseni zonke iilwimi ezisemthethweni kwiRiphabliki ukuze kuqinisekiswe ulingano kunye nokuphathwa ngokulinganayo kweelwimi ezisemthethweni ezifunekayo kwinkqubo yethu yedemokrasn.

7.3. Ukuqondwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengomthombo wokwandisa intsebenziswano yokuhlangana eyandisiweyo ekwakhiweni kwesizwe, uphuhliso lwezoqoqosho nokunamathelana ekuhlaleni.

7.4. Ukukhuthazwa kolawulo olululo lolwimi nguMlamli yi-FSCA ukuqinisekisa ulawulo lwenkonzo karhulumente olwaneleyo oluhlangabezana neemfuneko zoluntu kwaye oluqinisekisa ufikelelo olulinganayo kwiinkonzo nolwazi lwe-FSCA.

7.5. Uthintelo lokusetyenziswa ko(ii)lwimi ngeenjongo zokusebenzisa kakubi, ukongamela kunye nokucalula kwi-FSCA.

7.6. Ukuzibophelela ekuqinisekiseni ukuba amaqonga obuxhakaxhaka e-FSCA kunye nopapasho kwi-intanethi ayafikeleleka kwaye esebenziseka kubantu abohlukeneyo, kuquka abantu abanokukhubazeka, ngokungqinelana nemisebenzi egqwesileyo etshintshayo kufikelelo kubuxhakaxhaka.

7.7. Ukuzibophelela ekusebenziseni imithethoseko yolwimi olulula kulo lonke unxibelelwano oluya kuluntu, ingakumbi olo luya kubaxhasi kwezemali. Ulwimi olunzima okanye lomthetho luza kuphetshwa apho kunokwenzeka kwaye apho lungenakuphetshwa, luza kuhamba ngeengcaciso okanye izishwankathelo ezicacileyo.

## 8. UHLOBO LOMSEBENZI WE-FSCA

I-FSCA liziko elizimeleyo elisekwe ukuba lilawule kwaye longamele imarike eqhuba amaziko ezemali eMzantsi Afrika. Njengoko kuxeliwe kwicandelo 57 lomThetho woLawulo lweCandelo lezeMali, iinjongo ze-FSCA zezi:

8.1. ukuphucula kunye nokuxhasa impumelelo nengqibelelo yeemarike zemali; kunye

8.2. nokukhusela abaxhasi bezemali ngoku –

8.2.1. ukukhuthaza ukuphatha ngokufanelekileyo kwabaxhasi kwezemali ngamaziko ezemali;
8.2.2. ukunika abaxhasi bezemali kunye nabo ingaba ngabaxhasi bezemali ngeenkqubo zokufundisa ngemali, kwaye ngenye indlela ukukhuthaza ukufundisa ngemali kunye nokukwazi kwabaxhasi ngemali kunye nabo inokuba ngabaxhasi bezemali ukwenza isigqibo ezizizo zemali; kunye
8.2.3. nokuncedisa ekugcineni uzinzo lwezemali.

## 9. IILWIMI EZISEMTHETHWENI ZE-FSCA

### 9.1. Ukwamkelwa lweelwimi ezisemthethweni yi-FSCA

9.1.1. UmThetho ufuna ukuba i-FSCA yamkele umgaqonkqubo weelwimi ochonga ubuncinane ezintathu (3) zeelwimi ezisemthethweni ezo i-FSCA iza kuzisebenzisela "iinjongo zikarhulumente". Oku kubhekisele kwiilwimi ezo zisetyenziswa kakhulu ukunxibelelana namalungu oluntu.

9.1.2. Ekuchongeni iilwimi ezisemthethweni, i-FSCA phakathi kwezinye izinto iyalelwe ukuba ithathele ingqalelo ukukhuthazwa kwezo lwimi zemveli bezingasiwa so ngaphambili.

9.1.3. Ekumiseleni ukuba zeziphi iilwimi emazisetyenziswe, i-FSCA iza kukhokelwa kwimeko nganye yimiba elandelayo:

9.1.3.1. Ukuba nokwenzeka
9.1.3.2. Iindleko ezinxulumeyo
9.1.3.3. Indawo yejografi
9.1.3.4. Okusemdleni woluntu kunye/okanye iqela elithile ekujoliswe kulo
9.1.3.5. Amandla e-FSCA.

9.1.4. Nangona i-FSCA iziqonda zonke iilwimi zeRiphabliki, ziye zakhethwa ngokufanelekileyo iilwimi ezilandelayo:

9.1.4.1. **IsiNgesi** (ulwimi lonxibelelwano).
9.1.4.2. Kwiqela leelwimi zesiNguni (isiZulu, isiNdebele, Siswati nesiXhosa), **isiZulu** siye sakhethwa.
9.1.4.3. Kwiqela leelwimi zesiSotho (Setswana, Sepedi, neSesotho), **iSetswana** siye sakhethwa.
9.1.4.4. **ITshivenḓa;** olunye lweelwimi ebezihlelelekile ngaphambili esingaweli kulo naliphi iqela leelwimi, siye sakhethwa.
9.1.4.5. **IAfrikansi,** olunye lweelwimi olungaweli kulo naliphi iqela leelwimi, nayo iye yakhethwa.

9.1.5. I-FSCA iza kuqinisekisa ukuba isebenzisa iilwimi ezikhonjiswe ku-9.1.4
ngeenjongo zolawulo njengoko kuxeliwe ku-9.2.4.

**9.2. Ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni yi-FSCA**

9.2.1. Inkcazo yokuba zeziphi iilwimi eziza kusetyenziselwa iinjongo zokusebenza ngokunjalo nonxibelelwano namalungu oluntu, kunye nendlela iilwimi ezinjalo eziza kusetyenziswa ngayo, ibekwe apha ngezantsi.

9.2.2. **Iinjongo zokusebenza**

I-FSCA ikhetha isiNgesi njengolwimi olungundoqo lonxibelelwano kunye nolwimi lweerekhodi ngeenjongo zokusebenza –

9.2.2.1. ukunxibelelana neeklayenti zayo ezohlukeneyo (abaxhasi kunye namaziko alawulwayo) ngokungqinelana namagunya ayo;

9.2.2.2. ngokunxulumene nonxibelelwano lwangaphakathi kwi-FSCA; kunye

9.2.2.3. nangokunxulumene nonxibelelwano norhulumente kunye/okanye iPalamente oko kusenziwa ngoMphathiswa onoxanduva.

9.2.3. Kwimeko leyo amaxwebhu kufuneka aveliswe ngesiNgesi kuphela acelwa ngalo naluphi ulwimi olusemthethweni ngaphandle kwesiNgesi, i-FSCA iza kwenza iinguqulelo ezishwankathelweyo zifumaneke, ngokungqinelana no-9.1.3.

9.2.4. **Iinjongo zikarhulumente**

I-FSCA iza kusebenzisa isiNgesi kunye neelwimi ezisemthethweni ezixelwe ku-9.1.4. ngokusekelwe kwimeko nemeko ngeenjongo ezilandelayo:

9.2.4.1. Unxibelelwano namalungu oluntu, ngomlomo kunye nangokubhaliweyo - njengoku, phakathi kwezinye izinto, izaziso kunye nezibhengezo, imiqondiso yolwazi loluntu, imiqondiso exela izibonelelo neenkonzo (iinguqulelo ezishwankathelweyo kwiimeko yamaxwebhu anzima).

9.2.4.2. Unxibelelwano nabacholi beendaba (umzkl. olushicilelweyo, iradiyo, umabonakude, ipodcast iwebhusayithi) - ngokuxhomekeke kwinjongo neqonga;

9.2.4.3. Iincwadi nembalelwano esemthethweni.

9.2.4.4. Eminye imisebenzi yokubandakanyeka kwamahlakani.

9.2.4.5. Iintlanganiso zeengxoxo kunye nezinye iinkqubo ezisemthethweni.

**UkuFundisa abaXhasi**

9.2.5. Nangaphandle komhlathi we-9.1.3 ngasentla, i-FSCA iza kuthatha amanyathelo afanelekileyo okuqinisekisa ukuba iqhuba iiseshoni zokwaziswa kwabasebenzisi ngeelwimi ezisemthethweni ezininzi kangangoko kunokwenzeka kuthathelwa ingqalelo ulwimi olukhethwa lolo luntu luza kwiiseshoni ezinjalo. Ukongeza, i-FSCA iza kuba nemithombo yokufundisa abaxhasi engundoqo eguqulelwe kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni kwaye yapapashwa kwiwebhusayithi yayo enikelweyo http://www.fscamymoney.co.za ngokungqinelana negunya lokufundisa abaxhasi le-FSCA.

**IZiko ekuTsalelwa kulo imiNxeba**

9.2.6. IZiko ekuTsalelwa kulo imiNxeba le-FSCA liza kuzamela ukwenza unxibelelwano namalungu oluntu ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki njengoko kuxeliwe ku-2.1.

**9.3. Ulungiselelo lweenkonzo ngolwimi olungaphandle kwezo lwimi zisemthethweni zikhethiweyo yi-FSCA**

9.3.1. Apho ilungu loluntu linqwenela ukufumana iinkonzo ngolwimi olusemthethweni olungaphandle kweelwimi ezisetyenzisiweyo (umzkl. incwadi), ilungu elinjalo liya kwazisa i-FSCA ngesicelo esinjalo, ngokubhaliweyo, esiya kwiNgcali yeelwimi ePhezulu. I-FSCA iya kwenza ulungiselelo lokuhlangabezana nesicelo esinjalo kwithuba elifanelekileyo elingekho ngaphantsi kweentsuku ezingamashumi amathathu (30) zokusebenza ekufumaneni kwayo isicelo.

9.3.2. Kwiimeko zonxibelelwano lomlomo, njengeentlanganiso kunye nayo nayiphi na imfuno yotoliko, isicelo kufuneka senziwe ngokubhaliweyo kwaye ubuncinane kwiintsuku ezingamashumi amathathu (30) zokusebenza phambi kweso sehlo.

**9.4. Ulungiselelo lwe-SASL neeNkonzo zoMbhalo wamaQhuqhuva**

I-FSCA iya kuthatha amanyathelo afanelekileyo nakwangaphambili ukufaka uthathelo ngqalelo lofikelelo, kuquka utoliko lwe-SASL, iindlela ezinesandi kunye neendlela ezizezinye ezifikelelekayo ezifana noMbhalo wamaQhuqhuva, kucwangciso lwayo lonxibelelwano, ingakumbi kwiindibano noluntu

ezingundoqo kunye nesiqulatho okanye amaphulo okufundisa abaxhasi ngokungqinelana no-9.1.3.

## 10. UKUSEKWA KUNYE NOLWAKHEKO LOKUNIKWA KWEENKONZO ZEELWIMI ZE-FSCA

10.1. Njengoko kufunwa licandelo 7 lomThetho, i-FSCA yaseka umsebenzi weenkonzo zeelwimi ngo-2014, ngoku ofakwe kwiCandelo lezoNxibelelwano. Indima yalo msebezni kukunika ulawulo olulungileyo lweelwimi kwi-FSCA kunye nokuqinisekisa uquko kunye nokhuselo lwabaxhasi beenkonzo zemali oko kusenziwa ngeenkonzo zeelwimi.

10.2. Umsebenzi weenkonzo zeelwimi we-FSCA wonganyelwe yiNgcali yeeLwimi ePhezulu, ixhaswa ngamanye amalungu abasebenzi njengoko kunokufunwa yi-FSCA ixesha nexesha. Ukhutshwe ngokwaneleyo ukuba uxhase ukunika kwayo iinkonzo ngempumelelo kunye nangokungqinelana nomthetho.

10.3. Umsebenzi weenkonzo zeelwimi iza kubeka iliso kumathuba athile ukuphunyezwa kwalo Mgaqonkqubo, kuquka imizila kwizicelo zeelwimi, iimfuno zezikhalazo kunye nofikelelo kunye nokunika iingxelo zangaphakathi ukuxhasa impucuko eqhubekayo.

## 11. UQEQESHO NABASEBENZI

Ukuphumeza ukuphunyezwa ngobugcisa nangempumelelo kwalo Mgaqonkqubo, iCandelo lezoNxibelelwano liza kuqinisekisa ukuba kukho uqeqesho kunye nabantu aboneleyo ukwenza imisebenzi yalo.

## 12. UPAPASHO KUNYE NOFIKELELO KULO MGAQONKQUBO

12.1. Lo Mgaqonkqubo uza kupapashwa ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki.

12.2. Uza kufumaneka kwiwebhusayithi ye-FSCA: www.fsca.co.za.

12.3. Uza kufumaneka ngoMbhalo wamaQhuqhuva okanye ngenye indlela ngesandi kwiwebhusayithi ye-FSCA.

12.4. Isishwankathelo salo mgaqonkqubo siza kuboniswa kwiofisi ye-FSCA ngendlela eyenza ukuba ubonakale kuluntu.

12.5. Ukongeza, iinguqulelo ezishicilelweyo ziza kufumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni kwizakhiwo ze-FSCA.

## 13. INDLELA YEZIKHALAZO

13.1. Nawuphina umntu ongonelisekanga sisigqibo se-FSCA ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni unokufaka isikhalazo ngokubhaliweyo esiya kuMkomishinala.

13.2. Isikhalazo kufuneka sifakwe ngendlela elandelayo:

13.2.1. Ngokubhaliweyo.

13.2.2. Kwiinyanga ezintathu zokuvela kwesikhalazo.

13.2.3. Sixele igama, idilesi kunye nolwazi loqhagamshelwano lomntu ofaka isikhalazo.

13.2.4. Sinika inkcazo epheleleyo necazululiweyo yesikhalazo.

13.3. UMkomishinala okanye ilungu eliphezulu labasebenzi elonyulwe nguMkomishinala unokucela umfaki sikhalazo ukuba anike naluphi ulwazi olongezelelweyo oluyimfuneko ukuthathela ingqalelo isikhalazo kunye nokuya entlanganisweni ngeenjongo zokwenza uphando lomlomo kwisikhalazo eso.

13.4. UMkomishinala, uya kusithathela ingqalelo isikhalazo kwaye enze isigqibo, zingedlulanga iinyanga ezintathu (3) ezisemva kokufakwa kwesikhalazo, kwaye azise umntu ofake isikhalazo ngesigqibo.

13.5. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ze-FSCA:
Iziko leminxeba: 0800 20 37 22
Umnxeba (utshintsho lweengcingo): 012 428 8000
I-imeyile: communications@fsca.co.za
IDilesi yePosi: P.O. Box 35655, Menlo Park 0102
Idilesi yesitalato: Riverwalk Office Park, Block B, 41 Matroosberg Road (Corner Garsfontein and Matroosberg Roads), Ashlea Gardens, Extension 6, Menlo Park, Pretoria
Iwebhusayithi: www.fsca.co.za

## 14. INKQUBO YEZIBHENO

14.1. Umntu ofake isikhalazo ongonelisekanga ngesigqibo soMkomishinala unokufaka isibheno kwi-EXCO ye-FSCA.

14.2. Isibheno esingeniswe kwi-EXCO kufuneka sisiwe kwi-EXCO ngeOfisi yooNobhala kwaye sifakwe kwithuba lenyanga enye yesigqibo.

14.3. Amagatya esiqendu se-13.2 alo Mgaqonkqubo aza kusebenzisa utshintsho oluyimfuneko kwisibheno esingeniswe ngokwesiqendu se-13.1 salo Mgaqonkqubo.

## 15. UKUQWALASELA KWAKHONA KOMGAQO-NKQUBO

Lo Mgaqonkqubo uza kuhlolwa qho kwiminyaka emibini.

## 16. UKUVUNYWA

Lo ngumgaqonkqubo wamva weelwimi we-FSCA ovunywe yi-EXCO ye-FSCA ngowama-27 Matshi 2026.